IRIPHABLIKI YECISKEI

IGAZETHI YOBURHULUMENTE

REPUBLIC OF CISKEI

GOVERNMENT GAZETTE

DIMBAZA PRINTERS — 27055

Price 30c

Umq. 16 | eBISHO 19/08/88 | No. 57

Vol. 16 | BISHO 19/08/88 | No. 57

ISEBE LEMFUNDO

ISAZISO SIKARHULUMENTE SE-65

NGOKWENJENJE KUYAZISWA UKUBA UMONGAMELI UWUVUMILE UMTHETHO OLANDELAYO NOBHENGEZWAYO APHA KUSAZISWA ULUNTU NGOKUBANZI:-

UMTHETHO OSISIHLOMELO WEMFUNDO, 1988

UMTHETHO NOMBOLO 11 WOWE-1988

DEPARTMENT OF EDUCATION

GOVERNMENT NOTICE No. 65

IT IS HEREBY NOTIFIED THAT THE PRESIDENT HAS ASSENTED TO THE FOLLOWING ACT WHICH IS HEREBYPUBLISHED FOR GENERAL INFORMATION

EDUCATION AMENDMENT ACT, 1988

ACT No. 11 OF 1988

UMTHETHO OSISIHLOMELO WEMFUNDO, 1988

U M T H E T H O

Ukuhlomela uMthetho weMfundo wowe-1985

(Okubhalwe ngesiNgesi kusayinwe nguMongameli. Kwavunywa ngomhla we-2 August 1988).

MAKWENZIWE UMTHETHO yiNdlu yeNdibano yeSizwe yeRiphablikhi yeCiskei, ngolu hlobo lulandelayo:-

1. **Ukuhlonyelwa kweCandelo 1 loMthetho 27 wowe-1985.** - iCandelo 1 loMthetho weMfundo, wowe-1985 (ekubhekiselelwa kuwo kamva kulo Mthetho njengoMthetho oyintloko) ngoku liyahlonyelwa ngokufakelwa emva kwenkcazelo-magama "iQumrhu lootitshala" kwale nkcazelo-magama ilandelayo:

> " 'iBhunga loNikezelo-ziqinisekiso' lithetha iBhunga loNikezelo-ziqinisekiso loMzantsi Afrika elisekwe liCandelo 2 loMthetho weBhunga loNikezelo-ziqinisekiso loMzantsi Afrika, wowe-1986 (uMthetho 85 wowe-1986) weRiphablikhi yoMzantsi Afrika;".

2. **Ukuhlonyelwa kweCandelo 33 loMthetho 27 wowe-1985.** - Icandelo 33 loMthetho oyintloko ngokwenjenje liyahlonyelwa ngokongezwa kulo eli candelwana lilandelayo:

"(7) (a) Ukwenzela iinjongo zeli Candelo uMongameli angangena kwimvumelwano neRiphablikhi yoMzantsi Afrika ebonelela ukwenziwa liBhunga loNikezelo-ziqinisekiso eCiskei okanye ngokumalunga neCiskei kwaloo misebenzi enikwe elo Bhunga nguMthetho weBhunga loNikezelo-ziqinisekiso woMzantsi Afrika, wowe-1986 njengoko kunokucaciswa kuloo mvumelwano, kulawula iimeko ezinjalo ezinokucaciswa nazo ngokunjalo.

(b) Ekugqityweni kwayo nayiphina loo mvumelwano nakuphina okwenziwa ngokwemigaqo yoko liBhunga loNikezelo-ziqinisekiso eCiskei okanye ngokumalunga neCiskei kuya kuthatyathwa njengokwenziwe ngokugunyazisiweyo ngokungathi kwenziwe ngokoMthetho weNdlu yeNdibano yeSizwe.".

3. **Intloko emfutshane nokuqalisa.** - Lo Mthetho uya kubizwa ngokuba nguMthetho osiSihlomelo weMfundo, wowe-1988 kwaye uya kusebenza ngomhla oya kumiselwa nguMongameli ngesihlokomiso *kwiGazethi.*

EDUCATION AMENDMENT ACT, 1988

A C T

To amend the Education Act, 1985

(English text signed by the President. Assented to on 2 August 1988).

BE IT ENACTED by the National Assembly of the Republic of Ciskei, as follows:-

1. **Amendment of section 1 of Act 27 of 1985.** - Section 1 of the Education Act, 1985 (hereinafter in this Act referred to as the principal Act) is hereby amended by the insertion after the definition of "Teacher's Council" of the following definition:

> " 'the Certification Council' means the South African Certification Council established by section 2 of the South African Certification Council Act, 1986 (Act 85 of 1986) of the Republic of South Africa;".

2. **Amendment of section 33 of Act 27 of 1985.** - Section 33 of the principal Act is hereby amended by the addition thereto of the following subsection:

"(7) (a) For the purposes of this section, the President may enter into an agreement with the Republic of South Africa providing for the performance by the Certification Council in or in relation to Ciskei of such functions assigned to that Council by the South African Certification Council Act, 1986 as may be specified in such agreement, subject to such conditions as may likewise be specified.

(b) Upon the conclusion of any such agreement, anything done in terms thereof by the Certification Council in or in relation to Ciskei shall be deemed to be as validly done as if it had been done in terms of an Act of the National Assembly.".

3. **Short title and commencement.** - This Act shall be called the Education Amendment Act, 1988 and shall come into operation on a date to be fixed by the President by proclamation in the *Gazette.*

OKUQULATHIWEYO			CONTENTS		
ISaziso sika-Rhulumente No.	*Inani leKhasi*	*Inani le Gazethi*	*Govt. Notice No.*	*Page No.*	*Gazette No.*
65		57	65		57
ISEBE LEMFUNDO			DEPARTMENT OF EDUCATION		
ISAZISO SIKARHULUMENTE SE-65			GOVERNMENT NOTICE No. 65		
UMTHETHO OSISIHLOMELO WEMFUNDO, 1988			EDUCATION AMENDMENT ACT, 1988		
(UMTHETHO ONGU-No. 11 WOWE-1988)			(ACT No. 11 OF 1988)		